Isalathiso: 20190916-9289
Inombolo yefayili: 12/16/4/4
Imibuzo: M van Wyk

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0004/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelo namaCandelwana kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeMfundo eneeMfuno eziZodwa, nakuBacebisi ngeZifundo

Isihloko: Ukuqeshwa komboneleli-nkonzo wokupheka omtsha kumaziko e-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni kutshanje liqeshe umboneleli-nkonzo omtsha, i-*SCG Food Solutions*, wokubonelela nokusingatha inkonzo yokupheka yeminyaka emithathu e-*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*) ukususela ngowe-01 Oktobha 2019. I-*CSG Food Solutions* ingene kwingqesho ngemvumelwano yokubonelela ngenkonzo yokupheka neziphungo (*refreshments*) kubasebenzisi be-*CTLI*. Oku kuthetha ukuba abasebenzisi baya kunyanzeleka ukuba basebenzise ikhontraki yabapheki ekwiziko njengoko kungekho baboneleli-nkonzo yokupheka bangabanye baya kuvunyelwa kwiziko elo.

2. Sisakuba singqinisisiwe isicelo sokubhukisha indawo e-*CTLI*, abaphathi bamaziko abajongene neendleko (abasebenzisi) mabachaze iimfuno zokutya abakufunayo ngqo ku-*CSG Food Solutions* yaye bafumane ikoteyishini esemthethweni. Kuya kufumaneka imenyu eqhelekileyo kubo bonke abasebenzi bale nkonzo yaye abasebenzisi baya kunikwa iikhuphoni zezidlo ezinokutshintshiswa ngokutya/ngeti, njl. njl. Ekupheleni kwendibano, umsebenzisi wenkonzo ngamnye uya kunikwa i-invoyisi ngababoneleli-nkonzo yokupheka zize iintlawulo zenziwe ngabeCandelo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo (*Supply Chain Management*) njengoko kumiselweyo. Ikhontraki engaphakathi kwiziko inokuqeshwa kwakhona ukuba ibonelele ngenkonzo yokupheka yesebe ngaphandle kweziko (*catering off-site*), kungakhange kwenziwe naziphi iinkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo ezingaphezulu. Iirejista eziqingqiweyo zokuhanjwa kweendibano (*standard attendance registers*) kunye nee-invoyisi ezingqinisisiweyo maziqhotyoshelwe apha kuzo zonke iimeko.

3. Kubaluleke gqitha ukuba kuthotyelwe umhla osikiweyo kwakunye nenkqubo yoku-odola enxulumene noko yeentsuku ezimiselweyo eziyi-30 ezisikelwe ukubhukisha iindawo zeendibano ze-*CTLI* (kweendawo) kwakunye nokubhukisha inkonzo.

4. Icandelo lokuthengwa kweempahla neenkonzo lifuna ixesha eliphakathi kokufakwa kwe-odolo nokuziswa kwayo (*lead time*) leentsuku eziyi-30 ukukhuphela i-odolo esemthethweni umboneleli-nkonzo wokupheka ukutya. Kucelwa wazi ukuba ngaphandle kokungeniswa kwenombolo yoku-odola esemthenweni AKUYI kubakho nkonzo yokupheka yenzelwa abaphathi bamaziko abajongene neendleko (abasebenzisi). Kucelwa ufunde umyalelo i-*Procurement Management Institutional Instruction: 0001/2019*, yange-27 Juni 2019, ngokumalunga nemiyalelo yokwenza inombolo ye-odolo esemthethweni.

5. Zimi ngolu hlobo lulandelayo iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-*CSG Food Solutions*:

   CSG Food Solutions
   161 Lynwood Road
   Brooklyn, Pretoria
   0181
   Okuqhagamshelwana naye: Nks Illse Lategan
   Ifoni: 021 900 5124
   Iselula: 082 577 4441
   I-imeyili: CTLIcatering@csgfoods.co.za

6. Siyathemba ukuba sinako ukuxhomekeka kwintsebenziswano ngokupheleleyo yabo bonke abasebenzisi beli ziko abasingethe iindleko (abasebenzisi) yaye sikholelwa ukuba la malungiselelo matsha aya kwamkelwa nguye wonke umntu yaye aya kuba negalelo elikhulu ekuphuculeni ubuchule bokwenza izinto.

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-09-27